



**Ikamva-Ukunonophela  
abantwana bethu**

**Isiqinisekiso 1**

**Isihloko sesifundo: Imfudiso yesiQinisekiso**

# Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



# Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiqinisekiso esithi **“Imfundiso yesiQinisekiso”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

**Uzilungiselela usibeke njani na isifundo**

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	<p>Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp:  <a href="https://bit.ly/3NACSSHS">https://bit.ly/3NACSSHS</a></p>
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• iBhayibhile</li> <li>• Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe</li> <li>• Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neependulo, iikhrayoni, njl.</li> <li>• Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela</li> <li>• ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso)</li> </ul> <p><b>Qaphela:</b></p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho!</p> <p>ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasigayey (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekiso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	<p>Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.</p>



# Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

## Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. <b>Umzekelo:</b> Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku....)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

## Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 1.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



## Isifundo

### Isihloko seSifundo

Imfundiso yesiQinisekiso

### Injongo yesifundo

Abantwana nabazali babo bayakuqonda ukubaluleka kwesiQinisekiso kunye nexesha lokulungiselela.  
Bayaazi imixholo yezifundo.  
Abazali bakulungele ukuxhasa abaqinisekiswa.

## Isishwankathelo sesifundo:

### 1. Umyalelo wesiQinisekiso - ixesha lokulungiselela

- Abazali bazibophelela egameni labantwana babo, ukubanikela kuThixo ngokholo ngokubhaptizwa ngamanzi nangoMoya.
- Imfundiso yesiQinisekiso ibeka umntwana kwindawo yokuzibophelela kokunyaniseka nokuthembeka kuThixo, ngokwabo.
- Imfundiso yesiqinisekiso iya kumnika umqinisekiswa ukuqonda ngomsebenzi kaThixo, iimfundiso zikaYesu Krestu nayo yonke into ebalulekileyo kubomi bethu bomoya.
- Ekupheleni kweli xesha lokulungiselela, umqinisekiswa kufuneka ayazi imiba ebalulekileyo yokholo kunye nezinto ezibalulekileyo kwiicebo likaThixo losindiso. Kuya kufuneka abe nomnqweno ngaphakathi kweentliziyo yakhe **wokufuna ukuphila ukholo lwakhe!**
- Ngomhla wokuqinisekiswa abazali bayakhululeka kuxanduva lobomi bomqinisekiswa basemoyeni kwaye umqinisekiswa uyakuthabatha yena buqu ukuthwala uxanduva **nentsikelelo** kaBawo wethu waseZulwini.
- Abaqinisekiswa baya kulivakalisa olu xanduva ngezifundo zabo zesiqinisekiso:

***Ndiyamlahla uSathana nayo yonke imisebenzi yakhe neendlela zakhe, ndiyazinikela kuwe, Thixo Oziqo zithathu, uYise, uNyana, noMoya oyiNgcwele, ngokholo nangetobeko, nesigqibo sokuhlala ndinyanisekile Kuwe kude kube sesiphelweni sam. Amen.***

- Ngokubeka intsikelelo yakhe kwesi sifundo, uBawo wethu waseZulwini ufuna ukumnceda umqinisekiswa ukuba asisigcine isithembiso sakhe sokunyaniseka nokuthembeka.
- Umqinisekiswa akasayi kufunda kuphela kwaye asicengceleze isifundo sesiqinisekiso, kodwa uyakuyiqonda intsingiselo yaso.

### 2. Ukwaziswa kweeklasi – zimalunga ngantoni izifundo?



Kunyaka wokuqala wesiqinisekiso, izihloko ezilandelayo ziya kugutyungelwa!

- Umyalelo wesiqinisekiso - Umthandazo
- Ixesha elidlulileyo lobupostile - UbuKrestu eYurophu – Ukhanyiselo
- Inkonzo yabangasekhoyo - linkonzo ezikhethekileyo enyakeni
- Ukubaluleka komphathi waseRoma - Isangqa saseAlbury  
uConstantine - Abapostile bokuqala bexesha lesiphelo bayabizwa
- IsiVumo sethu soKholo - Ibandla lobuKatolika lobuPostile
- iCatechism - Ukubakho kweBandla eliTsha lobuPostile
- Uhlaziyo I - Ukukhula kweBandla eliTsha lobuPostile (part 2)
- Uhlaziyo II - linkonzo zethu zobungcwalisa
- linkolo zeHlabathi, ubuYuda, - Ukukhusela indalo kaThixo  
ubuKrestu, ubuSlams - Isikhonzo seNtloko yabaPostile
- IBhayibhile yam - Ibandla nesithili sethu
- Imithetho eliShumi - Ixesha langoku nekamva
- Ukoyika uThixo – imithetho - Isifungo sesiQinisekiso  
wokuqala nowesibini
- Ukugcina iSabatha ingcwele  
uMthetho wesithathu

### 3. Ukwaziswa kwesifundo - kwenzeka ntoni ngexesha lesifundo?

Isifundo ngasinye siya kuba nesakhiwo esifanayo. Isifundo ngasinye siquka:

- Injongo (unobangela wesifundo) kunye nesishwankathelo esifutshane sesifundo
- Imifanekiso efanelekileyo ukukhuthaza ukucinga kwakho kunye neengxoxo
- Umsebenzi (kwincwadi yomsebenzi)
- Izinto zokufundisa (kuphela kwisikhokelo sikatitshala okanye isikhokelo somzali)
- Amanqaku aphambili esifundo (ekupheleni kwesifundo ngasinye ekufuneka ushwankathele ezona zinto zibalulekileyo)
- Nam Ndifunan uku...umnqweno oqhutywa ngaphakathi kwentliziyo yakho sisifundo esinokukunceda ukuba uphile ngokholo lwakho usazi
- Umsebenzi wasekhaya.

Ututshala (okanye abazali) baya kuba nencwadi yesikhokelo (okanye isikhokelo somzali).

Umqinisekiswa uya kuba nencwadi yomsebenzi.



**Eli lixesha elikhethekileyo- lixesha lokufunda, lokukhula, lokubuzisa Imibuzo - lokuthabatha inxaxheba nokwenza igalelo. Iingxoxo notitshala nabazali zizinto ezibalulekileyo zemfundiso yomqinisekiswa nokuqonda ukholo lwakhe.**

## **Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?**

- Ngomhla wokuqinisekiswa kwam, ndithatha uxanduva olubalulekileyo: uxanduva lobomi bam bomoya!
- Ndifuna ukuwulungela lo mhla!
- Ndifuna ukuhlala ndiphila ngokholo lwam.

## **Eminye imibuzo esinokuyibuza:**

### **1. Ngaba kufuneka ndifunde kwaye ndizazi izifundo ngentloko?**

*Impendulo:* Kubalulekile ukuba uyuqonde umxholo wezifundo kwaye injongo yesifundo ngasinye yondele entliziyweni yakho kwaye ikhule.

### **2. Ndiyoyika kancinci, olu luxanduva olukhulu. Ndizakulunga?**

*Impendulo:* Ngexesha lonyaka, uya kukhula elwazini nasekuqondeni. Ngeke uyazi kwaye uqonde yonke into kwaye kulungile. Uya kuxhaswa ngabazali bakho, utitshala wakho kunye neenkokheli zethu. Okona kubaluleke kakhulu, uThixo ufuna ukukusikelela. Intsikelelo kaThixo iya kukunceda uzalisekise ukuzibophelela kwakho kuye.

### **3. Ngaba isiqinisekiso sesi-2 sinzima ngakumbi?**

*Impendulo:* Isiqinisekiso 2 sakha kwaye sonyusa ulwazi kunye nokuqonda kwakho. Eli lixesha elinomdla kakhulu njengoko usondele kwimini yakho enkulu kwaye ngaphambi kokuba wazi, ungene kuluhlu laBantu abaNtsha ebandleni lakho! Zininzi izinto esinokukhangela phambili kuzo!



**Umthandazo katata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:**

*Thixo othandekayo, enkosi ngale mini*

*Sikelela bonke abazali kunye nabantwana*

*Kunga singeva ubukho bakho*

*Sikelela isifundo esiya kuba naso*

*Nceda usifundise sikukhonze njani*

*Kwaye sincede senze intando yakho*

*Ukuze sisondele kufuphi kuwe*

*Thumela uYesu ukuba asilande*

*Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe*

*Amen*